testpapers.co.za

Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# ISIGABA ESIPHEZULU

# IBANGA LESI-9

# EYENKANGA 2019

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2 MEMORANDAM

**AMANQAKU: 60**

Le memorandam inamaphepha ama -6.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

## UMBUZO 1

1.1 1.1.1 Yimodeli ✓ / ngumkhuthazi wemizimba ✓ (1)

1.1.2 Wayengafani neetshomi zakhe ✓ / wayengenazinwele ziyephuyephu ✓ / wayengenamehlo aluhlaza ✓ / wayengenanwele ziblondi ✓.

[Nayiphi na eNye kwezi] (1)

1.1.3 Yinyaniso, wayengazithembi, enoxinzelelo lomoya / enenxalabo / engatyi kakuhle ✓✓.

[Nokuba akazichazanga zonke] (2)

1.1.4 Ngelixa enxiba iimpahla ekuthiwa azinxitywa ngabantu abatyebileyo. / Ngelixa enxiba icrop top.✓

[Nayiphi na kwezi] (1)

1.1.5 B ✓✓ / B Indlela azibiza ngayo nokuzamkela ✓✓ / Indlela azibiza ngayo nokuzamkela ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

1.1.6 Wayezihlalela yedwa ✓✓ / Wayethanda ukuzikhetha ahlale yedwa. ✓✓/ wayethanda ukuba likheswa/ ilolo. ✓✓

[Nayiphi na eNye kwezi] (2)

1.1.7 Hayi, kuba zazimenza ukuba aphatheke kakubi. ✓✓

OKANYE

Ewe, kuba zabangela ukuba abe ngumntu owomeleleyo afunde ukuzamkela nokuzithanda ✓✓ (2)

1.1.8 Ukuzigxeka ✓✓ (2)

1.1.9 Ewe,kunyanzelekile ukwenzela ukuba abantu bathenge impahla befuna ukufana noosaziwayo. ✓✓

OKANYE

Hayi,akunyanzelekanga kuba oosaziwayo abaniki abanye abantu amathuba okuba nabo baziwe. ✓✓

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa] (2)

1.1.10 Kwamcingisa ngenqaku lemagazini awakhe walifunda. (1)

1.1.11 Lamfundisa ukuba ukuxhatshazwa oku akwenzeki kwisini esinye kuphela. ✓✓ (2)

1.1.12 Libali lomfana owayexhatshazwa kabuhlungu ngutitshala wakhe. ✓✓ (2)

1.1.13 Ewe, kuba ubukhulu becala siye singeva ekhala. ✓✓ (2)

1.1.14 Umabonakude ✓ (1)

1.1.15 Ewe, singaluncedo kubafana ngokuba le ngqumbo banayo yenza kubekho ubundlobongela obuninzi eMzantsi Afrika obuthi buchaphazele abantu abangenatyala ingakumbi amabhinqa. ✓✓ (2)

1.2 1.2.1 www.gulfnews.com ✓ (1)

1.2.2 Ukukhathazeka ✓✓ (2)

1.2.3 Ukuba achazele / axelele umntu omdala. ✓✓ /
Axelele umntu amthembileyo. ✓✓ /
Athethe nomhlobo wakhe amthembileyo. ✓✓ /
Athethe notitshala wakhe. ✓✓ /
Athethe nomzali wakhe. ✓✓ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B

## UKUSHWANKATHELA

| Ucaphulo ngqo | Iingongoma |
|---|---|
| 1. Ukuxhaphaza yinto ephindaphindiweyo yokuziphatha ebonakaliswa kukungalingani kwamandla kunye nenjongo yokwenza ingozi. | Ukuxhaphaza yindlela yokuziphatha engeyiyo kuba uboyisa abanye abantu. |
| 2. Iindidi ezintathu zabafundi abakhe baxhatshazwa ezinokuthi zinamava kukuxhaphaza ngokuthe ngqo, ukungcungcuthekiswa ngokungathanga ngqo, kunye ne-cyberbulling. | Ukuxhaphaza kuziindidi ngeendidi kukho ukuxhaphaza okuthe ngqo nokungathanga ngqo kunye ne-cyberbullying. |
| 3. Ukuxhaphaza ngokuthe ngqo yindibaniselwano yokuthetha ngomlomo nangokwasemzimbeni. | Ukuthetha ngomlomo nokonzakalisa abanye abafundi kukuxhaphaza okuthe ngqo. |
| 4. Ukuxhaphaza ngokungathanga ngqo kwenziwa ngamazwi nangamava ezikolweni. | Ukuthetha kakubi okanye ukuthetha ubuxoki ngomnye umfundi kukuxhaphaza okungathanga ngqo. |
| 5. I-cyberbullying kuxa abafundi besebenzisa i-Imeyile okanye amaqonga eendaba ezentlalo afana ne-Facebook ukubhala umxholo owonakalisayo. | Icyberbullying kuxa abafundi besebenzisa itekhnoloji bethetha ngabanye abafundi. |
| 6. Izinto ezinokukhokelela ekuxhaphazeni zibandakanya ukungafani, imbonakalo, isimo sentlalo, ubuhlanga kunye nendlela yokuziphatha ngokwesondo. | Izinto ezibangela ukuxhaphaza kukungafani, nendawo umntu ahlala kuyo nezinye. |
| 7. Ukuxhaphaza akubachaphazeli abafundi kuphela, kodwa kuchaphazela nosapho lwabo kunye nabanye abafyndi abafunda nabo. | Ukuxhaphaza kudibanisa bonke abantu abasondele kumfundi oxhatshazwayo. |

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI

## NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3

3.1 Kumntu wonke, kuba kutshiwo kwisibhengezo ✓✓/ kumntu wonke kuba umbhali uthe "Sinceda wonke umntu …" ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

3.2 Ungabatsalela ku – 084 256 8729 / www.masibambane.com ✓ (1)

3.3 Ewe, kuba kwesi sibhengezo kuthethwa ngokuba abantu mababambane ube umfanekiso uveze izandla ezibambeneyo. ✓✓

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa] (2)

3.4 Engakhuselekanga ✓ (1)

3.5 Ewe, kuba kungancedakala abantu abaxhatshazwayo ✓✓

OKANYE

Hayi, kuba abanye abantu abafuni ukuya kwiindawo ezinabantu abaninzi bafuna ukuthetha nomntu omnye. ✓✓ (2)

3.6 Ukutsala umdla wabantu ukuze bakwazi ukuya kule ndawo. ✓✓/ Ukutsala abantu ukuba babone ukuba yintoni le ithengiswayo ✓✓

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkelwa] (2)
**[10]**

### UMBUZO 4

4.1 *Ithathwe www.sbt.blob.core.windows.net//storyboards* ✓ (1)

4.2 Isheti ✓ - ihempe ✓ (2)

4.3 A – ukoyika ✓ / A ✓ / ukoyika ✓

[Nayiphi na kwezi] (1)

4.4 Ngokuthi bobabini bacelo uxolo kuSivu ✓✓ / Ngokuthi umhlobo kaSivu akhaphe uSivu aye kubo bacele uxolo kuye. ✓✓

[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

4.5 Njengomhlobo olungileyo kuba ukwazile ukuza nesisombululo. ✓✓/ Njengomhlobo ongayithandiyo into embi√√/ Njengomhlobo othanda uxolo.√√

[Nayiphi na eNYE kwezi] (2)

4.6 Bakwibala lokudlala ✓ (1)

4.7 Ukuzisola ✓ (1)
**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 KwisiNgesi ✓ (1)

5.2 Siyaneliseka ✓ (1)

5.3 OoNobuhle ✓ (1)

5.4 Loo ✓ nto ✓ (2)

5.5 Ziimpethu ✓ Umntu angamhle ngaphandle kodwa ngaphakathi ungcolile. ✓✓ (3)

5.6 5.6.1 Le ✓ - isimelabizo sokwalatha ✓ / sokukhomba ✓ (2)

5.6.2 Abantwana ✓ (1)

5.6.3 Ubuncinane ✓ (1)

5.7 UThandiwe uthe abaneliseki ✓ yindlela abakhangeleka ngayo. ✓ (2)

5.8 5.8.1 C ✓

5.8.2 A ✓

5.8.3 D ✓

5.8.4 B ✓ (4)

5.9 Ukuzixabisa kwethu kuxhomekeke kwindlela esicinga ngayo na? ✓✓/ Ingaba ukuzixabisa kwethu kuxhomekeke kwindlela esicinga ngayo na? ✓✓ (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C (40 ÷ 2) = 20**
**AMANQAKU EWONKE: 60**